## Yintoni ekumele ukuba oomasipala bayayenza?

AmaCandelo u152 no153 (iSahluko 7 kuRhulumente weNgingqi) oMgaqosiseko athi urhulumente wengingqi kufuneka anyaniseke, amamele izidingo zakho kwaye athathe uxanduva ngezigqibo. Uxanduva lukarhulumente wengingqi ngokuphambili kukubonelela ngeenkonzo ezisisiseko. Kodwa umsebenzi kamasipala awuphelelanga kuhanjiso lweenkonzo nje kuphela. Urhulumente wengingqi ongophuhliso ukwamalunga nako nokuphuculwa kobomi babantu bemihla ngemihla, ingakumbi amakhaya angathathi ntweni. Oku kuthetha ukuba oomasipala kufuneka basebenzisane nabantu nemibutho ephakathi koluntu lwabo ukuze bafumane iindlela eziluncedo zokukhawulelana neemfuno zezentlalo, ezoqoqosho nezezinto eziphathekayo ngezandla, ukuqinisekisa ubomi obungcono kumntu wonke.

Ezona **njongo ziphambili** zorhulumente wengingqi kukuba:

- Abe nobulungisa, angafihli nto, anyaniseke, kwaye abe nenkathalo
- Aqinisekise ukufumaneka kweenkonzo nokuba ezo nkonzo zibe ziyakhawulelana nezidingo zoluntu
- Aphakamise uphuhliso lwezentlalo nezoqoqosho
- Aphakamise imekobume ekhuselekileyo nenempilo
- Ancede uluntu ekubeni lubandakanyeke nangakumbi kwizinto ezikhethwayo nezigqibo zorhulumente wengingqi

## Zeziphi iinkonzo eziluxanduva loomasipala?

IShedyuli 4b neShedyuli 5b yoMgaqosiseko ziwamisele amaxanduva oorhulumente beengingqi. Oko kuquka:

- Amanzi nococeko
- Umbane
- Ukuthuthwa kwenkunkuma
- Izigqibo ngosetyenziso lwemihlaba
- Amaziko okhathalelo lwabantwana
- Amaziko ezicimamlilo
- Uthutho lukawonkewonke
- Imigqaliselo yokwakha
- Iipaki zikamasipala, ezolonwabo, namaziko ezemidlalo
- Izibane ezikhanyisa ezitratweni
- Ukuthengisa esitratweni

**Urhulumente wengingqi ongophuhliso ngozibopheleleyo ekusebenzisaneni nabahlali namaqela aphakathi koluntu olo ukuze kufunyanwe iindlela eziluqilima zokukhawulelana nezidingo zabo zezentlalo, zezoqoqosho nezingokuphathekayo ngezandla kwaye kuphuculwe umgangatho wobomi babo.**

## Ulawulo olungentsebenziswano

UMgaqosiseko waseMzantsi Afrika wahlulahlula urhulumente ukuze abe ngamanqanaba amathathu okanye imimandla emithathu: urhulumente wengingqi, urhulumente wephondo, norhulumente kazwelonke. Onke la manqanaba mathathu angayiphumeza imithetho (umsebenzi wowisomthetho) aze athathe amanyathelo ngokwezicwangciso ezenziweyo (umsebenzi wolawulo). Nangona nje inqanaba ngalinye linamaxanduva angawalo kwaye linokuzisebenzela lilodwa, kuyafuneka ukuba la manqanaba asebenzisane njengeqela ukuze aqinisekise ukuba zonke iinkonzo ziyafikelela kuthi.

Into ebalulekileyo emayiqatshelwe kukuba **urhulumente wengingqi akayo-ofisi karhulumente kazwelonke okanye wephondo**, kodwa ulinqanaba likarhulumente elielodwa, elinabantu abanyulwe nini (ooceba) nemithombo yoncedo eyabiwe ngokungqalileyo.

### I-COGTA

**ISebe lezoLawulo olungeNtsebenziswano neMicimbi yeMvali (iCOGTA) linoxanduva lokuqinisekisa ukuba onke amanqanaba karhulumente ayasebenzisana ngendlela esebenzayo.**

## Iindidi zoomasipala

**Kukho iintlobo ezintathu ezahlukahlukeneyo zoomasipala:**

| **UDidi A**<br>OoMasipala abaMbhaxa (iiMetro) | **UDidi B**<br>OoMasipala beeNgingqi (iiLM) | **UDidi C**<br>OoMasipala beZithili (iiDM) |
| --- | --- | --- |
| zixeko ezi8 ezizezona zikhulu eMzantsi Afrika | Imimandla engaphandle kweemetro (idolophu + amaphandle) | OoMasipala beeNgingqi aba3-6 bebonke |
| Amandla namaxanduva angokubanzi | Wabelana ngamagunya kunye noMasipala weSithili | Baququzelela uphuhliso kwaye babelana ngemithombo yoncedo |
| IBhunga elinooCeba abaya kufikelela kuma270 | Ibhunga lahlulwe phakathi: ama50% ePR, ama50% ooCeba beeWadi | IBhunga: ama40% eePR ezinyulwe ngqo, ama60% abameli beLM |
| Ama50% aBameli ngoLwalamano, Ama50% ooCeba beeWadi | | |

## Ngoobani ababandakanyekayo kurhulumente wengingqi?

Xa abantu becinga ngoomasipala, amaxesha amaninzi baye bacinge ngoooceba namagosa okanye abasebenzi abaqeshwe kulawulo. Kodwa umthetho uyakuxela ukuba **uluntu lwengingqi luyinxalenye yomasipala ngokulinganayo namasebe ezopolitiko nolawulo.**

*Umasipala uqulathe amasebe ezopolitiko nolawulo lomasipala, noluntu lomasipala lowo.*

ICandelo 2(b)(i) neCandelo (ii) loMthetho wamaSebe ooMasipala

## Indlela engentsebenziswano karhulumente wengingqi

**Intsebenziswano phakathi kolawulo, ooceba noluntu lwengingqi ibalulekile**. Lo mfanekiso ungezantsi ubonakalisa **iintsika ezintathu zikarhulumente wengingqi nendlela ezisebenzisana ngayo**. Amandla okuthatha izigqibo asuka kuluntu lwengingqi aye kubameli balo abanyulwe lulo namasebe abameli abo, aze aye kwabezolawulo, nekungabo ekufuneka bathathe amanyathelo ngezo ziggibo. Emva koko, abezolawulo kufuneka base iingxelo kumasebe ezopolitiko, ze abameli abanyuliweyo base iingxelo kubahlali noluntu.

Anoxanduva lokuphendula

### ULUNTU LWENGINGQI

Bonke abantu abahlala nabasebenza kumasipala, nemibutho abangamalungu ayo, efana nemibutho yabemi besixeko, iimanyano nemibutho yezoshishino.

### AMASEBE EZOPOLITIKO


Kwiwadi nakooceba bePR abanyulelwe ukumela abahlali kwibhunga.

### EZOLAWULO

Inkonzo karhulumente – amagosa, abaphathi nabasebenzi abenza konke kwenzeke.

Lunika umkhombandlela kwimigaqokqubo luze luthathe izigqibo

# 1. ULUNTU LWENGINGQI



## Ngoobanini "uluntu lwengingqi"?

Uluntu lwengingqi luqulathe:

- Abantu abahlala kumasipala (kuquka abantu abangathathi ntweni namaqela ahlelelekileyo).
- Abantu abahlawula iirhafu neenkonzo kumasipala.
- Imibutho yoluntu lwesixeko, imibutho engeyiyo ekarhulumente (iiNGO), icandelo labucala, imibutho yabasebenzi, iityalike, iiforam zoluntu, njalo njalo.
- Iindwendwe nabanye abantu abahlala ngaphandle koomasipala abasebenzisa iinkonzo namaziko akumasipala lowo.

Wonke umntu okuluntu lwengingqi unelungelo lokuba:

- Athathe inxaxheba kwiinkqubo zikamasipala zokuthathwa kwezigqibo.
- Akhalaze kwaye/okanye abeke iingcebiso ngokuphathelene noko kwenzeka kumasipala, nokuba kungokubhalwe phantsi okanye kungobuso ngobuso, kwaye alindele impendulo ekhawulezileyo.
- Aziswe rhoqo malunga nezigqibo ezithathwa libhunga ezinokumchaphazela yena, kwakunye nemeko yomasipala lowo.
- Acele ukuba iintlanganiso zebhunga nezeekomiti zivuleleke, ziqhutywe ngokunobulungisa, kwaye zingaqhutywa ngokusekelwe kwiinzuzo zabantu abathile buqu.

**Iikomiti zeewadi** zinyulelwa ukuba zimele izidingo neemfuno zoluntu lweengingqi koomasipala. Ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe jonga incwadana yeCOMPACT engeekomiti zeewadi.

# 2. AMASEBE EZOPOLITIKO



**Ibhunga lelona sebe liphezulu kumasebe athatha izigqibo zezopolitiko kumasipala. Linawo omabini amagunya elowisomthetho nelolawulo:**

**Igunya lowisomthetho** libhekisa kumandla okuphumeza imithetho kamasipala, ukumisela imigaqonkqubo nohlahlo lwabiwomali lukamasipala, nokuqhuba iinkqubo zokongamela umsebezi kamasipala uwonke.

**Igunya lolawulo** libhekisa kumandla okukhokela, ukongamela, nokuququzelela umsebenzi wezolawulo nokwenza imigaqonkqubo neenkqubo.

## AMASEBE KAMASIPALA NABADLALI BEENDIMA

Amabhunga enziwa liqela lamasebe nabadlali beendima, nalapho bonke benamandla nemisebenzi yezomthetho eyahlukahlukeneyo. Oko kuquka:

Ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe jonga incwadana yeCOMPACT emalunga nooceba beewadi

- **OoCeba:** ooceba beewadi nooceba abangabameli ngokolwalamano (PR) ngamnye kubo unesihlalo kwibhunga, kwaye bebonke banoxanduva lokumela iimfuno zenu, ngokuthatha inxaxheba ekwenziweni kwemigaqonkqubo nasekongameleni iinkqubo, nangokuqinisekisa ulawulo olusebenzayo nohanjiso lweenkonzo ngaphakathi kumasipala lowo.
- **USomlomo:** uceba onyulwe libhunga ukuba abize iintlanganiso, amisele iiajenda zeentlanganiso, aze anyanzelise iKhowudi yokuziPhatha kooCeba (iCOCC). Usomlomo ungumgcini wentathonxaxheba yoluntu kwaye nguye owongamela iikomiti kumasipala.
- **USodolophu oLawulayo okanye uSodolophu:** kwinkqubo eyingqokelela yoosodolophu kukho usodolophu olawulayo onamandla olawulo amakhulu, oncediswa yikomiti kasodolophu. Kwinkqubo yolawulo eyingqokelela usodolophu nguye olawula ngokusesikweni kwaye amandla olawulo kwabelwana ngawo yikomiti yolawulo.
- **IKomiti kaSodolophu okanye iKomiti yoLawulo:** amabhunga oomasipala amaninzi anosodolophu olawulayo nothi atyumbe ikomiti kasodolophu (nekubhekiswa kuyo amaxesha amaninzi "njengeMaycom" okanye "iMayco") esebenza njengekhabhinethi yengingqi, nethi incedise ngokwezopolitiko ekukhokeleni uphuhliso nomiliselo lweenkqubo. Usodolophu olawulayo uba ngusihlalo. Amanye amabhunga amiselwa njengekomiti yolawulo (nekuthi amaxesha amaninzi kubhekiswe kuyo "njengeExco), njengoko kumiselwe yiMEC yoorhulumente beengingqi. Ibhunga linyulela ooceba ezikhundleni zolawulo kwaye amandla kwabelwana ngawo kunye nangakumbi.
- **IiKomiti ezisisiGxina okanye iiKomiti zeePotifoliyo:** amaqela ooceba agxile kwiipotifoliyo ezingqalileyo nakwimiba eziingxaki ngokunzulu. Ezi ziikomiti ezimele ukunika iingcebiso kwikomiti elawulayo okanye kwikomiti kasodolophu. Iikomiti ezinjalo zisebenza njengekhonkco elidibanisa ezolawulo namasebe ezopolitiko, nemisebenzi namasebe kamasipala anxuseneyo aphambili, umzekelo ezamanzi nococeko. Onke amabhunga kufuneka abe neekomiti zokuphathwa kweemali neeakhawunti zoluntu kumasipala (iiMPAC).
- **AbaBhexeshi:** ooceba abakhulu abasuka kwiqela lezopolitiko ngalinye abandima yabo ikukuqinisekisa ukuba onke amalungu eqela avota kwaye athetha ngokuhambelana nemigaqonkqubo yelo qela. Bathi kananjalo bamisele iiajenda zeentlanganiso kunye nosomlomo baze bafake ooceba kwiikomiti.
- **UmBhexeshi oyiNtloko:** umbhexeshi weqela elinezona voti zinizi (iqela elilawulayo). Uncedisa usomlomo ekulawuleni ibhunga.
- **Amagqugula amaqela:** indawo apho iqela lezopolitiko ngalinye lidibanisa ooceba balo ukuze baxoxe malunga nalapho bemi khona ngokujoliswe kuhlahlolwabiwomali, izicwangciso, imigaqonkqubo, okanye imithetho kamasipala.

# 3. EZOLAWULO

Ulawulo lomasipala, nolwaziwa ngokuba yinkonzo karhulumente, lwenziwa ngabantu abatyunjiweyo abamilisela (abenza) imigaqonkqubo nezicwangciso zokuhambisa iinkonzo.

Amagosa nabasebenzi bakamasipala abanyulwanga kwaye basebenzela umasipala ngokungakhathalisekanga ukuba leliphi iqela lezopolitiko elilawulayo. Kufuneka babe nezakhono namava okwenza nawuphi na umsebenzi ekufuneka bewenzile, umzekelo, ubunjineli okanye ucwangciso lweedolophu.

Intloko yezolawulo ngumphathi womasipala, osebenza neqela lababaphathi abakhulu abakhokele amasebe ahlukahlukeneyo kumasipala lowo.

## Abezolawulo lomasipala kufuneka:



- Bazazi kwaye bathathe amanyathelo ngazo izidingo zoluntu
- Bancede ekwakhiweni kwenkcubeko yeenkonzo noxanduva phakathi kwabasebenzi
- Bathathe amanyathelo okuthintela urhwaphilizo
- Bakhe ubudlelwane obucacileyo, basebenzisane, kwaye banxibelelane noluntu
- Banikeze ingcaciso epheleleyo nechanekileyo malunga nezinga nomgangatho weenkonzo ekufuneka bezifumene abantu
- Bazise malunga nendlela ekulawulwa ngayo umasipala, iindleko ezibandakanyekayo, nabantu abaphetheyo

Umphathi womasipala nabaphathi abakhulu kufuneka batyikitye izivumelwano zeendlela zokusebenza, nekufuneka ukuba zifumaneke kwiwebhusayithi yomasipala lowo.

**Ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe malunga nezicwangciso, umiliselo neebhajethi zikamasipala, jonga iaikhokelo seCOMPACT esinesihloko esithi *Working Towards Collaborative Local Government.***

